KNOW THE GLOW®

i-Leukocoria (I-Glow) yinto engaqhelekanga yemehlo ebomvu eyenzekayo, ivamile ukubonakala kwizifo eziliqela ezinobuzaza zamehlo abantwana kwa nesizathu esithintelekayo esingakhokhelela ekumfamekeni kobuntwana.

Ngethamsanqa, I-Glow iyabonwa ngendlela elula yokuthatha ifoto ngekhamera ene flash, yenze ukuba abazali kwihlabathi liphela bafune unobangela nonyango kwangexesha kwizigaba zokuqala zezi zifo zamehlo ezinobungozi

Umbono ngekamva

Umbono wethu ngekamva kukutshayela nya kwihlabathi ukumfameka ebuntwaneni obungathinteleka.

Undoqo weenjongo

Undoqo weenjongo zethu kukufundisa uluntu ngokubanzi nabezonyango indlela abangayibona ngayo I-Glow kwa nokukhuthaza amanyathelo okuthintela ukumfameka ebuntwaneni.

INYANISO NGOKU

THE GLOW

- Umntwana omnye kwabayi 80 uza kubonakalisa i-Glow phambi kokufinca iminyaka esithoba.
- Ngaphezulu kwe 80% yamaxhoba esifo i-Retinoblastoma neCoats ziqala ukuqatshelwa ngabazali okanye ilungu losapho nge “Glow”
- Nje ngesalathiso sobukho boondonakele emehlweni nezifo eziyi 30, i-Glow ingaluphawu lwezifo zamehlo, i- Amblyopia, i- Coats, i-Congenital Cararact, Refractive Error, Retinal Dysplasia ne Retinoblastoma ukukhankanya nje ezimbalwa

KNOW THE GLOW®

INYANISO NGOKU NG OKU MFANEKA

- Ehlabathini kubakho, umntwana oba yimfama rhoqo emva kwemizuzwana eyi-60
- Malunga ne half a million yabantwana baba ziimfama rhoqo ngonyaka
- Izinga lokumfameka liza kuphinda phindwa kathathu ngonyaka ka 2050 ngaphandle kokuba iinzame zokuthintela oko zingenziwa luqilima
- Kuqikelelwa ukuba ukumfameka eMelika kuza kuphinda phindwa kabini ngo 2050
- i-80% yokumfameka ebuntwaneni ingathinteleka okanye inyangeke
- i-75% yabantu abadala eMelika abazii mfama abasebenzi
- Inkcitho yokumfameka kwihlabathi jikelele iqikelelwa kwi $3 Trillion
- Inkcitho yokumfameka eMelika ingaphezulu kwe $139 billion dollars ngonyaka
- i-39 million yabantu kwihlabathi jikelele ziimfama
- i-285 million yabantu kwihlabathi jikelele inengxaki yokungaboni kakuhle (inorhatyazo)

JONGA IIFOTO, FOTA

I-Glow ibonakala kwiifoto ezithathwe ngeflash nje ngechaphaza elimhlophe, elingwevu, okanye elimthubi kwikhozo lemehlo, nto leyo eyalatha ubukho bezifo zamehlo ezingaphezulu kwe-30 ezahlukeneyo.

Sicela abazali ukuba:

1. **Bakhangele i-Glow** ngokujongisisa kwii foto ezindala okanye bafote ezintsha zomntwana wabo
2. **Jongisisa iifoto zomntwana wakho** lejonge ngqo kwi khamera nanje ngoko i-Glow ingabonakala kakuhle kuphela kwelo cala
3. **Cima iqhosha lokucutha i- red eye lekhamera yakho** ukuze ube nokufota kakuhle i-Glow
4. **Qaphela,** xa ubona i-Glow kwakanye. THABATHA AMANYATHELO, xa uyibona kabini kwimehlo elinye
5. **Cela oogqirha abazingcali nengcaphephe ngezamehlo** benze uxilongo olunzulu emehlweni kubandakanywa novavanyo lwe red reflex
6. **Xa usiya kugqirha phatha ii-foto** ezibonakalisa i-Glow
7. **Sincede sisasaze umyalezo!** Ingakumbi kubazali babantwana abaselula!!!

Kuba akukho mntwana omakabe yimfama ngenxa yesifo samehlo esithintelekayo.

Ngenkcukacha ezithe vetshe nge "The Glow'' Ngena ku ***www.knowtheglow.org.***

Sources: 10 FACTS ABOUT BLINDNESS AND VISUAL IMPAIRMENT. http://www.salute.gov.it/imgs/C_17_pubblicazioni_1656_ulteriorialegati_ulteriorealegato_0_alleg.pdf. 10 little-known facts about blindness. (2015, September 24). https://www.perkins.org/stories/10-little-known-facts-about-blindness.April 2010 Issue. https://retinatoday.com/issues/2010-apr. Balmer, A., & Munier, F. (2007, December). Differential diagnosis of leukocoria and strabismus, first presenting signs of retinoblastoma. https://www.ncbi.nlm.nih.gov/pmc/articles/PMC2704541/. The Economic Burden of Vision Loss and Eye Disorders in the United States. https://www.norc.org/Research/Projects/Pages/the-economic-burden-of-vision-loss-and-eye-disorders-in-the-united-states.aspx. Global Blindness Projected to Triple by 2050. (2018, May 18). https://www.seeintl.org/global-blindness-2050/. Hollows, F. (2017, April 21). The five facts about childhood blindness you need to know. https://medium.com/@FredHollows/the-five-facts-about-childhood-blindness-you-need-to-know-eb8149eccee.Hollows, F. (2017, April 21). The five facts about childhood blindness you need to know. https://medium.com/@FredHollows/the-five-facts-about-childhood-blindness-you-need-to-know-eb8149eccee. Munson, M. C., Plewman, D. L., Baumer, K. M., Henning, R., Zahler, C. T., Kietzman, A. T., ... Shaw, B. F. (2019, October 2). Autonomous early detection of eye disease in childhood photographs. https://www.ncbi.nlm.nih.gov/pmc/articles/PMC6774731/. Myers, C. (2016, November 9). High Rate of Unemployment for the Blind. https://work.chron.com/high-rate-unemployment-blind-14312.html. Potential disease detection using photographs in childhood vision screenings. (2016, February 17). https://knowtheglow.org/research-efforts-focus-on-increased-glow-detection-through-vision-screening/. Visual impairment, blindness cases in U.S. expected to double by 2050. https://www.nei.nih.gov/about/news-and-events/news/visual-impairment-blindness-cases-us-expected-double-2050.